# USUKU LOKUFUNDA NGOKUVAKALAYO LWEHLABATHI KUNYE NONAL'IBALI

Kulo nyaka uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lubhiyozelwa ngomhla we-4 kweyoKwindla ngowama-2015. Sijoyine ke ngolu suku uze ufunde ibali elibhalelwe thina qha ngoyena mbalisi-mabali waziwayo eMzantsi Afrika, uGcina Mhlophe – *Isipho sikaSisanda* – ufundela abantwana obaziyo.

## IMISETYENZANA NEMIDLALWANA EMI-5 YOSUKU LOKUFUNDA NGOKUVAKALAYO LWEHLABATHI

1. Fundela abantwana bakho kunye nabanye abantu ibali elisihloko sithi, *Isipho sikaSisanda*, kwiphepha le-2 nele-3. Ziqhelise ukulifunda ngokuvakalayo amaxesha ambalwa phambi kokuba ulifundele abantwana kwaye ukhumbule ukusebenzisa ilizwi elivakalisa umoya wovakalelo xa ufunda. Mhlawumbi xa ufundela abantwana abancinane kakhulu, unganqwenela ukusebenzisa imifanekiso kuba ulibalisa kwakhona ibali eli, uzama ukulenza libe lula ngawakho amazwi.
2. Yiya ku-**www.nalibali.org** uze ukope iipapethi zeminwe ezimele abalinganiswa abaphambili ebalini elithi, *Isipho sikaSisanda*. Emva koko ke khuthaza abantwana bakho ukuba basebenzise ezi papethi ukubalisa kwakhona ibali eli okanye babalise amabali abaziqambele wona.
3. Khuthaza abantwana bakho ukuba balitolike ibali ngokubacela ukuba bazobe okanye bapeyinte imifanekiso yezona ndawo bazithande kakhulu apha ebalini.
4. Sebenzisa uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi ukuzama into entsha – fundela ngokuvakalayo abantwana okanye abantu abadala ongazange wabafundela ngaphambili, okanye zama ukufundela abantwana bakho ibali kwenye indawo engaqhelekanga, efana nepaki okanye xa besebhafini!
5. Yenza ezakho iipowusta zoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi. Emva koko, zixhome esikolweni sakho, kwithala leencwadi lakho, kwiklabhu yokufunda yakho okanye kwindawo yonqulo ukwenza uluntu ukuba luqonde ngokubaluleka kolu suku.


## INDLELA ONGAZIBANDAKANYA NGAYO

Yiya ku-**www.nalibali.org** okanye ku-**www.nalibali.mobi** ubhalise usapho lwakho, iklabhu yokufunda okanye isikolo sakho uze ube negalelo ekwenzeni uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lwalo nyaka lube ngowona mnyhadala mkhulu eMzantsi Afrika!

## IZINTO EZI-8 OZIZUZA NGOKUFUNDA NGOKUVAKALAYO!

**Ukufundela abantwana bakho ngokuvakalayo:**

- kubabonisa ukuba uzixabisile iincwadi nokufunda.
- kukunika izinto onokuthetha ngazo kunye nabo.
- kwakha ukuqhogana nobudlelwane phakathi kwenu.
- kubavumela ukuba bakubone ukufunda njengento enomdla neyanelisayo.
- kubakhuthaza ukuba bafunde ukuzifundela ngokwabo, ukuze baqhubekeke befunda.
- kubabonisa indlela esifunda ngayo nendlela ezisebenza ngayo iincwadi.
- kwenza ukuba bakwazi ukonwabela amabali abangekakwazi ukuzifundela wona ngokwabo.
- kuphuhlisa isigama sabo kunye nezakhono zabo zolwimi.




## WINA!

**Xa uthe wabhalisela ukufundela abantwana abasebomini bakho ngokuvakalayo usethubeni lokuwina amatikiti amabini enqwelo-moya aya kukuhambisa apha eMzantsi Afika ngoncedo oluvela kwabakwaSouth African Ariways!**

Ukuze ufunde Imigaqo neMimiselo, ndwendwela ku-**www.nalibali.org**

South African Airways
A Star Alliance Member

# ISIPHO SIKASISANDA

Ibali libhalwe nguGcina Mhlophe
Liguqulelwe esiXhoseni nguNobuntu Stengile
Imifanekiso yenziwe nguJiggs Snaddon-Wood

Yonke imihla xa uSisanda oneminyaka esibhozo efika ekhaya, evela esikolweni, wayekhulula impahla yakhe yesikolo, atye isidlo sakhe sasemini ze adlale umlabalaba kunye notatomkhulu wakhe. Babesonwaba kakhulu xa behambisa "iinkomo" zabo ebhodini kangangokuba wayengafuni ukuyeka. Kodwa ubeye utatomkhulu amkhumbuze ngokuba ufuna ukuba ngumphathi wasebankini ngenye imini xa sele ekhulile.


"Uza kuyenza njani loo nto ukuba akufuni ukuya kwisikolo samabanga aphakamileyo?" wayemqhula atsho utatomkhulu wakhe.

USisanda wayesuka ahleke. "Hayi, ndiza kuya kwisikolo samabanga aphakamileyo nasedyunivesithi ngokunjalo. Yiyo loo nto ndisebenza nzima kangaka esikolweni!"



USisanda wayemde kakhulu xa kuthelekiswa neentanga zakhe – wayefuze utata wakhe. Wayefana nomama wakhe ngobuso bakhe obungqukuva kunye noncumo lwakhe oluhle. Bobabini abazali bakhe babevuka kwakusasa baye emsebenzini kumyezo wezilwanyana owawukufutshane. Ngethuba kungena isikolo sikaSisanda kunye nabahlobo bakhe, iinqwelo ngeenqwelo zabakhenkethi zazisele zithontelene emyezweni ukuya kubona izilwanyana zase-Afrika ezihle kunene.

Xa wayebhiyozela usuku lwakhe lokuzalwa kunyaka ophelileyo, uSisanda wafumana isipho esikhethekileyo – abazali bakhe babemfumanele imvume yokuba enze itheko lakhe kumyezo lowo wezilwanyana. Iindlulamthi ezisemyezweni zazinomdla wokusondela kweli qela labantu. Zazitsale iintamo zazo ezinde ukuze zikubone kakuhle okwakusenzeka ethekweni kwaye zazikhangeleka ngathi nazo ziyalifuna iqhekezana lekeyiki. USisanda wayezithanda iindlulamthi. Zonke izilwanyana zazimenza umdla, kodwa yayiziindlulamthi ezithe cwaka nezizolileyo ezazibe umxhelo wakhe. Wayenokuzibukela imini yonke ukuba wayenokunikwa ithuba.



Ngomnye uLwesihlanu, utata kaSisanda wabuya emsebenzini phambi kwexesha. Wayebonakala ekhathazeke kakhulu.

"Ingaba kukho into embi, Tata?" wabuza njalo uSisanda.

"Namhlanje ibubu leenyosi lihlasele laluma imazi yendlulamthi," ucacise watsho utata kaSisanda. "Intloko yayo ibidumbe kokuya kutyiwa ziinyosi kangangokuba amehlo ayo amahle ebevaleke ngci. Sizame yonke into ukuyisindisa, kodwa oko akuncedanga nto – iye yafa. Eyona nto ibuhlungu kukuba isenenkonyana elincinane elidinga ukuba nonina walo."

"Owu bethuna!" watsho uSisanda eqalisa ukulila. "Akwaba bekukho into endinokukwazi ukuyenza. Elo nkonyana lendlulamthi inokuba lilila njengam lo."

USisanda walila ixesha elide. Umama wakhe wazama ukumthuthuzela. Wade wazama nokumfundela ibali lesibini ngexesha lokulala ukuzama ukumnceda ukuba alibale ngendlela awayeyisizela ngayo inkonyana yendlulamthi. Ekugqibeleni, uSisanda wade wabiwa bubuthongo ethuthuzelwa sisandi selizwi likamama wakhe.



Ngentsasa elandelayo uSisanda wavuka enecebo alicingileyo!

"Ndingaphangela nawe namhlanje?" wabuza kutata wakhe. "Ndinesipho endinqwenela ukusinika inkonyana yendlulamthi."

Abazali bakhe bajongana, bancumelana baze bathi, "Ngokuqinisekileyo, ungaphangela nathi."

Yayiyimini eshushu le kodwa kwakusibekele. Emyezweni kwakuzole apha ngendlela engaqhelekanga.

"Ndicinga ukuba ilanga aliphumanga namhlanje kuba lisizela inkonyana yendlulamthi," watsho uSisanda.

Indlovukazi enkulu kakhulu yajonga olu sapho ludlula kuyo.

"Mhlawumbi ithe nqa ukuba kutheni intombazana encinane iphangela nabazali bayo nje," watsho umama kaSisanda.

USisanda wanqwala. "Iza kumangaliswa ngakumbi xa ifumanisa esona sizathu," wacinga njalo uSisanda.

Bayifumana inkonyana yendlulamthi imi yodwa. Yayithokombisile, ijingisa loo ntamo yayo inde namehlo ayo amakhulu namdaka ayekhangeleka edangele. USisanda wasondela kangangoko anakho apha kuyo. Wavula ingxowana yakhe waza wakhupha kuyo incwadi. Emva koko, abazali bakhe besamangalisiwe, waqalisa ukufundela inkonyana yendlulamthi. Yajika intloko ilandela ilizwi lakhe yaze yamamela ngokungathi iyaliqonda igama ngalinye. Ekuqaleni, abazali bakaSisanda babecinga ukuba ukufundela indlulamthi yindlalo kwaye yinto engaqhelekanga, kodwa yaguquka indlela abacinga ngayo xa bebona indlela eyayizole ngayo inkonyana – amehlo ayo anobubele ejonge kuSisanda.

"Ibali lam liyenze yaziva ingcono," uSisanda uxelele utatomkhulu wakhe bakufika ekhaya.




USisanda wayeyindwendwela le ndlulamthi incinane amaxesha amaninzi emva kwemini nangeempelaveki. Kwaye ngalo lonke ixesha eyindwendwela, wayeyiphathela ibali elitsha aza kwabelana ngalo nayo. Aba bahlobo babini batsha babekhangeleka befanelene kakhulu kangangokuba nabakhenkethi abadlulayo babebafota.

Kancinci-kancinci indlulamthi encinane yomelela. Abantu bomyezo wezilwanyana babeyikhathalele kakhulu kwaye nalo lonke uthando eyayilufumana kumhlobo wayo omtsha, uSisanda, lwalusebenza ngokomlingo.

Ngenye imini umlawuli womyezo wezilwanyana wacela uSisanda ukuba amthiye igama lo mhlobo wakhe mtsha.

"Ndicinga ukuba uThokozani ligama elimnandi," watsho uSisanda.

Ngosuku olulandelayo umlawuli womyezo watsalela utitshala kaSisanda umnxeba. Wamema bonke abantwana abafunda eklasini kaSisanda ukuba beze emyezweni baze kubona uThokozani. Le ndlulamthi intle yayikhulile inde kwaye yomelele kwezi nyangana zintathu ukususela kutyelelo lokuqala lukaSisanda.



Ngomhla wohambo, abantwana abafunda iBanga le-3 abangamashumi amane babelinde ngothakazelelo ukuba kuvulwe amasango omyezo wezilwanyana. Emva koko, ngokuzingca okukhulu, uSisanda wakhokelela wonke ubani kuThokozani. Abanye babantwana bajonga indlulamthi ende bemangalisiwe. Abanye babo babegigitheka ngobuphakuphaku. Utitshala wabo, uNkosazana Khanyile, wasuka nje yena wazincumela.

"Umhlobo wakho mhle kakhulu, Sisanda. Umenzele ububele kakhulu," watsho utitshalakazi ngokuzolileyo.

"Ngubani igama lakhe?" yabuza enye inkwenkwe.

"NguThokozani," waphendula uSisanda.

"UThokozani uthetha ukuthi 'vuyani'," wacacisa njalo uNkosazana Khanyile.

Abantwana bahlala phantsi bamamela lo gama uSisanda ebafundela ibali awayelifundele uThokozani mhla beqala ukuhlangana. Umlawuli womyezo wabafota. Abakhenkethi ababezidlulela nabo babafota. Kwanentatheli yephephandaba lasekuhlaleni uqobo nayo yabafota. Yathembisa ukuba ifoto yabo iza kupapashwa kwiphephandaba kwakamsinyane. Wonke ubani waqhwaba izandla.

Esinjani sona isipho! Ukufundela impiliso yomhlobo.

# YENZA IBHEJI!




1. Sika ibheji ulandela umgca ongamachaphaza abomvu.
2. Faka umbala emfanekisweni.
3. Sika isangqa esilingana nebheji kwikhadibhodi ephecephece, umzekelo, ibhokisi yesiriyeli.
4. Sebenzisa iglu ukuncamathelisa ibheji ekhadibhodini.
5. Sebenzisa into yokuncamathelisa eqinileyo ukuze uncamathelise umva wesipelitana ngasemva kwibheji yakho. Okanye ugqobhoze umngxunyana emantla ebheji ze ufake iwulu okanye umtya ukuze ukwazi ukuyijingisa entanyeni yakho.
6. Yonwabela ukunxiba ibheji yakho xa ufunda okanye umamele amabali ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.

Sithumelele imifanekiso yabantwana bakho befake iibheji zabo zokufunda ngokuvakalayo. Yi-imeyilele ku-**info@nalibali.org** okanye uyipose kuFacebook!

# MALUNGA NONAL'IBALI

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Abantwana abangqongwe ngamabali amnandi nabaliswa kakuhle – kwaye ebaliswa ngeelwimi abaziqondayo – bayakhuthazeka kwaye bazimisele ukufunda ukuzifundela ngokwabo. Ukufunda ukuzifundela ngokwakho kuncamisa umxhelo kwaye sisiseko sophuhliso oluyimpumelelo lwelitheresi.

UNal'ibali liphulo eliqhutywa ngabakwaPRAESA (iProject for the Study of Alternative Education), iTimes Media kunye namahlakani aliqela eliya likhula ngokukhula. Ngenxa yabacebisi abazinzileyo nentsebenziswano noluntu, iiklabhu zokufunda, imibutho yelitheresi kunye namavolontiya amadala namancinci, kwakunye nephulo elinomdla lamajelo eendaba, uNal'ibali unceda ukumisela nokuqinisa inkcubeko yelitheresi kubomi bemihla ngemihla babantu baseMzantsi Afrika.

Ukuze ufumane iinkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-**www.nalibali.org**, **www.nalibali.mobi** okanye uthumele i-imeyili ku-**info@nalibali.org**. Ungasifumana nakuFacebook okanye kuTwitter: **@nalibaliSA**

Nal'ibali
Konke kuqala ngebali...